Isalathiso: 20190122-626
Inombolo yefayili: 13/4/2
Imibuzo: F Haffejee

INgcaciso eMfutshane yeCandelo leKharityhulam ye*FET*: DCF 0003/2019

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharityhulam, kuBaphathi beeSekethe, kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwaMaziko; kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziNtloko; kuBaququzeleli boVavanyo neeMviwo, kuBacebisi beZifundo nakwiiNqununu nakooTitshala beeLwimi kwizikolo eziphakamileyo

Isihloko: Imidlalo yeqonga yeBakala 12 yoncwadi olumiselwe ukufundwa e-*Artscape Theatre Centre* ngo-2019

1. Izikolo zinikwe imvume yokuba zithathe abafundi bazo zibase kwimidlalo yeqonga yoncwadi olumiselwe ukufundwa e-*Artscape Theatre Centre* **ngethuba leeyure zokufunda.** Ukubakho kule midlalo yeqonga ilolu hlobo, kuya kuthathwa njengohambo lwesikolo lokufunda (*excursion)*.

2. Ezi ncwadi zoncwadi zimiselwe ukufundwa zilandelayo ziya kudlalwa e-*Artscape* ngo-2019:

Ulwimi	**IBakala**	**Itayitile**	**Igama lombhali**	**Imihla**	**Ixesha**
IsiNgesi uLwimi lweeNkobe	12	*Hamlet*	*William Shakespeare*	Nge-10 ukuya kwi-18 ku-Apreli 2019 Itikiti: R45,00	NgoMvulo ukuya kuLwesihlanu ngo-11:00 NgoMgqibelo ngo-14:00
Isi-Afrikansi uLwimi lweeNkobe	12	*Krismis van Map Jacobs*	*Adam Small*	Nge-18 ukuya kwi-25 Meyi 2019 Itikiti: R45,00	NgoMvulo ukuya kuLwesihlanu ngo–10:30 nango-14:30 NgoMgqibelo-Ngo-14:00 nango-20:00

IsiNgesi uLwimi lokuQala oloNgezelelweyo	12	*My Children, My Africa*	*Athol Fugard*	Nge-08 ukuya kwi-15 Meyi 2019 Itikiti: R45,00	NgoMvulo ukuya ngoMgqibelo ngo–10:30 nango-15:00
IsiXhosa uLwimi lweeNkobe	12	*Buzani KuBawo*	WK Tamsanqa	Nge-29 Meyi ukuya kwi-06 Juni 2019 Itikiti: R40,00	NgoMvulo ukuya kuLwesihlanu ngo–10:30 nango-14:30 NgoMgqibelo ngo-12:00
Uyacelwa uqaphele ukuba ukuthengiswa kwamatikiti ukulungiselela ezi ncwadi zoncwadi ziya kudlalwa eqongeni, kuya kuvulwa ngoMvulo we-11 Februwari 2019 ngo-09:00					

3. Ukubhukisha, qhagamshelana naye nayo nayiphi na i*Computicket* okanye ne-*dial-a-seat* kule nombolo yefoni: 021 421 7695 ubhukishele isikolo sakho.

4. Akukho mntu uya kuvunyelwa angene kwi-odithoriyam engenalo itikiti elisemthethweni.

5. Ukufumana nayiphi na ingcaciso engaphezulu okanye ukuba unemibuzo, uyacelwa uqhagamshelane noWhelan Maarman apha: whelanm@artscape.co.za okanye kule nombolo yefoni: 021 410 9938.

6. Iinzuzo zoku kwezemfundo

6.1 Ukubakho kule midlalo yeqonga yeencwadi zoncwadi kuthathwa njengomsebenzi owandisa owokufundisa eklasini.

6.2 Abafundi baya kufumana ulwazi olungaphezulu ngezi ncwadi zimiselwe ukufundwa yaye oko kuya kuphucula indlela abaqhuba ngayo kwiimviwo zabo.

6.3 Abafundi baya kufumana ulwazi ngokuqhubeka kwilizwe langaphandle kunokuqhubeka esikolweni sabo nakwiindawo abahlala kuzo ezibangqongileyo.

6.4 Oku kuya kubanegalelo kumgangatho wobomi babafundi nakuphuhliso lwezakhono zabo.

6.5 Abafundi baya kufumana ulwazi ngezobugcisa nangokuqhubeka kwiziko lemidlalo yeqonga (*theatre)* njengekhondo lomsebenzi abanokulikhetha.

7. Bayakhuthazwa ootitshala beelwimi ukuba benze izicwangciso ezongezelelweyo zemisebenzi yemidlalo yeqonda yaphambi, yelo thuba lemidlalo neyasemva kwalo, ukulungiselela abafundi baphucule amava abo okufunda.

8. Bayakhuthazwa ngokunjalo nokuba benze konke okusemandleni abo, babathathe abafundi babo baye kubukela le midlalo yeqonga iqhubeka.

9. Izikolo ziya kufumana imbalelwano engaphezulu evela ngqo e-*Artscape*.

10. Kucelwa wazise okuqulethwe yile ngcaciso imfutshane ootitshala bazo zonke iiLwimi ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-PAD BEETS
USEKELA MLAWULI-JIKELELE WEKHARITYHULAM NOLAWULO LOVAVANYO
UMHLA: 2019-02-08